URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Ilhaam Marlie
ICandelo loKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanyayo neneeMfuno eziZodwa
Ilhaam.Marlie@westerncape.gov.za | 021 467 2027

Inombolo yefayili: 25/3/R
Isalathiso: 20230210-1307

INgcaciso eMfutshane yeMfundo eneeMfuno eZizodwa: 0001/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Iphulo lokugonyelwa imasisi nezinye iinkonzo zempilo

1. Imvelaphi

1.1 Uqhambuko lwemasisi lwakutshanje kwihlabathi ngokubanzi, kuqukwa nakumaphondo amahlanu eMzantsi Afrika, lubonakalisa izikhewu kwinkqubo yogonyo.

1.2 Esi sifo siyingozi kwimpilo nasekukhuleni komntwana ngokwasengqondweni, sikhokelele kwimfuno yokuba kusungulwe iphulo lokugonyelwa imasisi kwabantwana likazwelonke.

1.3 Iphulo lemasisi leSebe lezeMpilo leNtshona Koloni liya kuqhutywa ngaxeshanye kunye/okanye liya kuhlanganiswa nephulo lokugonyelwa i-*Human Papillomavirus* (*HPV*) laqho ngonyaka kubafundi abangamantombazana beBakala 5 ezikolweni, elicwangciselwe ukwenziwa ngoFebruwari ukuya kowe-31 Matshi 2023.

1.4 Kucetyiswa ukuba apho kukho abasebenzi abaneleyo, ezinye iinkonzo eziphambili ezinjengokubekwa esweni kokukhula kwabantwana, ukubonelelwa ngo-*Vitamin A*, ukupheliswa kweentshulube, njl-njl. ziya kuhlanganiswa kwakuba kunikwe imvume yoko.

2. Abantwana ekujoliswe kubo

2.1 Bonke abantwana ukususela kubudala beenyanga ezintandathu ukuya kwiminyaka eli-15, nokuba basesikolweni okanye akunjalo, kungajongwanga ubume babo bokugonyelwa imasisi namathamo esigonyo (*doses*) ababewafumene ngaphambili, bakufanele **ukugonyelwa imasisi.**

2.2 Ngabantwana abangamantombazana beBakala 5 abasesikolweni ababudala buyiminyaka eli-9 nangaphezulu abasezikolweni, **abaya kufumana isigonyo se-*HPV***

2.3 **Isigonyo i-*Diftavax Td*** siya kunikwa amakhwenkwe namantombazana akwiBakala 5 abakubudala beminyaka eli-9 nangaphezulu abasesikolweni.

2.4 Ukulungiselela u-***Vitamin A***, abantwana ekujoliswe kubo ngabo bonke abantwana abangawafumananga amathamo (*doses*) esigonyo ngokwesiqhelo (ukugonywa kwababephosakele) ukuya kwiinyanga ezingama-59.

3. Imihla elungiselelwe amaphulo

3.1 Ukugonyelwa imasisi kuya kuqhubeka ngoFebruwari nangoMatshi 2023.

3.2 IProgram yokuPhelisa iiNtshulube yeSikolo kaZwelonke eyenzelwa amaBakala *R*-7, kwizikolo zamaNqanaba entlupheko 1 ukuya ku-3, iya kuqhutywa ngoMeyi, ngoJuni nangoJulayi 2023.

3.3 Ithamo lokuqala lesigonyo se-*HPV* liya kunikwa abafundi ngoFebruwari nangoMatshi 2023.

3.4 Ithamo lesibini lesigonyo se-*HPV,* liya kunikwa abafundi ngoSeptemba nango-Oktobha 2023, Ukugonyelwa i-*Diftavax Td* kwamakhwenkwe namantombazana asesikolweni kwiBakala 5, kuya kwenziwa ngaxeshanye.

3.5 Ngethuba leVeki yezeMpilo yeSikolo eqala ngowe-16 ukuya kowe-29 Oktobha 2023, kuya bonelelwa abafundi ngeenkonzo zempilo ezijolise kwiimeko zezempilo ngokubanzi kumaziko eenkonzo zezempilo amiselweyo.

4. Iifom zokunika imvume (*consent forms*) ziya kukhutshwa liSebe lezeMpilo yaye akukho mfundi uya kufumana nasiphi na isigonyo ngaphandle kwemvume yomzali eyimfuneko.

5. Kucelwa wazise okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-AJE MEYER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2023-02-21